

IZENZO ZETHU MAZITHATHELWE INGQALELO

UYILO LWESICWANGCISO SESIZWE KWI

HIV, TB nee-STI 2017–2022



Yintoni i-NSP?



Yintoni i-NSP?

UYilo lweSicwangciso seSizwe soMzantsi Afrika kwi- HIV, TB nee-STI 2017–2022 (i-NSP) sisicwangciso sebakala elilandelayo sohambo lwethu olubhekise kwikamva apho aba bhuhane bathathu baphantsi kolawulo olungamandla. Olu yilo lumisela iindawo ekuyiwa kuzo – okanye iinjongo – zohambo esiluhamba sonke kwaye luseka iibhakana ngokohlobo lweenjongo ngqo ezinokulinganiswa.

Injongo ye-NSP kukwenza ukuba amawaka amaninzi emibutho kunye nabantu abangabodwa abaqhuba ukusabela kwi-HIV, kwi-TB nee-STI (*sexually transmitted infections*) basebenze kunye, besiya kwicala elinye.

Ngubani ophuhlise i-NSP?


Inkqubo yokubhala i-NSP ikhokelwe kwaye yalungelelaniswa liBhunga loMzantsi Afrika leSizwe le-*AIDS Council (South African National AIDS Council) (SANAC)* elimele bonke oorhulumente besizwe kunye nabamaphondo, imibutho yasekuhlaleni yoluntu, iimanyano zabasebenzi, amaqumrhu ecandelo labucala kunye nemibutho esekelwe kwinkolo esebenza ukuguqula lo bhuhane. Imibutho ye-*SANAC* kananjalo iquka abaphandi kunye neengcali eziphambili zelizwe kwi- HIV, i-TB nee-STI, ngokunjalo namaqabane ehlabathi ophuhliso.

Yintoni ejolise ekuyiphumezeni i-NSP ngo-2022?

Sifuna ukwehlisa
usulelo
OLUTSHA
lwe-HIV

Ukusuka kuma- **270 000** ngonyaka ukuya
ngaphantsi kwe-**100 000**

SIFUNA UKUBA



90%

bonke abantu abaphila ne-HIV basazi isimo sabo se-HIV;

90%

bafunyaniswe ngoxilongo usulelo lwe-HIV bafumane unyango lwabo lwesicinezeli-ntsholongwane (*antiretroviral*); kwaye

90%

sibone ukuba intsholongwane icinezelwe.

Yintoni ejolise ekuyiphumezeni i-NSP ngo-2022?

Sifuna ukwehlisa
usulelo OLUTSHA
lwe-TB ukusuka
kuma

ama-**450 000**
ngonyaka ukuya ngaphantsi
kwama-**315 000**



Sifuna ukufumana
ama-**90%** abo bonke
abantu abaphila
ne-TB



kwaye siqinisekise ama-**90%** ezinga
lempumelelo yonyango sinyange ubuncinane
be-**100%**.

Sifuna ukulwehlisa ngokubonakalayo
usulelo olusulela ngokwabelana ngesondo.

Linjongo ze-NSP

I-NSP imisela iinjongo ezisibhozo ezingundoqo kunye noninzi lwezinto ekujoliswe kuzo ngqo kunye namangenelo okuxhasa ukuphunyezwa kwezi njongo.

INJONGO

1



Ukukhawulezisa ukuthintela ukwehlisa usulelo olutsha lwe-HIV, i-TB nolwe-STI.

“Ukunqanda umjikelo wokosulela”

INJONGO

2



Ukwehlisa imeko yokusweleka kunye nokusweleka ngobuninzi ngokubonelela ngonyango, ukhathalelo nenkxaso yokubambelela kubo bonke.

“90-90-90 kwisithili ngasinye”

INJONGO

3



Ukufikelela kubo bonke abemi abangundoqo kunye nabasesichengeni ngamangenelo abanzi, alungiswe ngokukodwa nekujoliswe kuwo.

“Akukho mntu usele emva”

INJONGO

4



Ukulungisa oko kusasaza usulelo lwe-HIV, i-TB nee- STI ekuhlaleni nakulwakiwo.

“Isebe elinezintlu ezininzi indlela yokwenza yamacandelo amaninzi”

linjongo ze-NSP

INJONGO

5



Ukufaka ukusabela kwi-HIV, i-TB nee-STI kwimithetho-siseko yamalungelo oluntu kunye nakwiindlela zokwenza.

“Unyango olulinganayo nobulungisa bezentlalo”

INJONGO

6



Ukukhuthaza ubunkokeli kuwo onke amanqanaba kunye noxanduva ekwabelwana ngalo ngokusabela oluzinzileyo kwi-HIV, i-TB nee-STI.

“Uxanduva olufana macala”

INJONGO

7



Ukuhlenganisa imithombo yokuxhasa ukuphuyezwa kweenjongo ze-NSP kunye nokuqinisekisa ukusabela okuzinzileyo.

“Yenza inkcitho ngoku, londoloza mva”

INJONGO

8



Ukomeleza ulwazi lwesicwangciso ukuqhubela inkqubela ebhekise ekuphuyezweni kweenjongo ze-NSP.

“Amanyathelo aqhutywa yidatha”

Ukuba sifuna ukuphumelela, kufuneka kubekho amanyathelo esiwathathayo ukuze sifikelele kwiinjongo zethu ze-NSP. Yintoni ongayenza kwindawo ohlala kuyo ukwenza ukuba amanyathelo owathathayo asebenze?



Zinakekele wena nosapho lwakho kwaye wehlise ingozi yakho yokufumana i-HIV, TB nee-STI.



Ukukhusela abasetyhini abasebatsha kunye namantombazana ekufumaneni i- HIV.



Ukunika ingqalelo ekhethekileyo kulutsha, iinkedama kunye nabantwana abasesichengeni nabantu abanokukhubazeka.



Ukuthatha amanyathelo ngokubhekisele kubundlobongela obubhekiselwe kwisini kunye nobundlobongela bezesondo.



Ukusikhangela rhoqo isimo sakho se-HIV ukuze uhlale ungenayo okanye uhlale usempilweni.



Ukuba une-HIV yenza konke onako ukukwenza ukuba uhlale kunyango lwakho rhoqo kwaye uzimanye neqela labanye abantu abaphila ne- HIV.



Vavanyelwa i-TB ukuba unokhohlokhohlo olungapheliyo okanye ukuba wazi umntu one-TB.



Ukuba une-TB qiniseka ukuba uyalugqiba unyango lwakho ukuze unyangeke



Nceda ukwehlisa ibala kunye nocalulo olubhekiswe kubantu abane-HIV kunye ne-TB kwaye ukhusele amalungelo abo.



Zimanye nemibutho yoluntu esebenzela ukoyisa i-HIV, TB kunye nee-STI kwaye fikelela uze uxhobise abantu abaziphethe ngobungozi obuphezulu kunye/okanye imiba yomthetho kunye neyasekuhlaleni enyusa ukuba sesichengeni kwabo.



Ukukhuthaza imisebenzi yendawo ohlala kuyo kwaye uncede abanye ukufikelela kwiinkonzo zempilo nezophuhliso lwentlalo.



Nokuba uphi na, nokuba kungeliphi na ixesha lemini, nokuba loluphi ulwazi olufunayo, ukhona umntu ongamtsalela umnxeba:

UmNxeba woNcedo weSizwe we-AIDS
UmNxeba woNCEDO lomThetho
UmNxeba wokuNqanda ubuNdlombongela
UmNxeba wabaNtwana

0800 012 322
0800 110 110
0800 150 150
0800 055 555